## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwisiqulatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: | Idrama | (35) |
| ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: | Isihobe | (35) |

4. Phendula IMIBUZO emiBINI kumacandelo amaBINI, ngolu hlobo:

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwincwadi yenoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwincwadi yedrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: IMIBONGO
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBini.

5. Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

6. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

7. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

8. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

9. Sebenzisa imizuzu engama-60 KWICANDELO NGALINYE

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

## IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| | | |
|---|---|---|
| **ICANDELO A: INOVELI**<br><br>**Phendula nawuphi umbuzo OMNYE kwinoveli oyifundileyo.** | | |
| **INANI LOMBUZO** | **AMANQAKU** | **IPHEPHA** |
| 1. *Kusa kusihlwa* | 35 | 5–7 |
| | | |
| 2. *Umqol'uphandle* | 35 | 8–10 |
| | | |
| 3. *UMonwabisi* | 35 | 11–13 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>**Phendula nawuphi umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo**. | | |
| 4. *Ndiyekeni* | 35 | 14–18 |
| | | |
| 5. *Inzala YamaRhamba* | 35 | 19–22 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.** | | |
| 6.1 '*Ikhikhizela laseDangwana'* | 18 | 23–24 |
| | | |
| 6.2 '*Umntu akalahlwa'* | 17 | 25–26 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE:**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.** | | |
| 7.1 '*Idyunivesithi iFort Hare'* | 18 | 27–28 |
| | | |
| 7.2 '*UNjingalwazi P.T. Mtuze'* | 17 | 29 |

**ITSHEKLISTI**

**QAPHELA:** Phendula imibuzo emiBINI kumaCandelo amabini. Phawula (√) amaCandelo owakhethileyo.

| ICANDELO | | IINOMBOLO ZEMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | PHAWULA (√) |
|---|---|---|---|---|
| A | Inoveli<br><br>(Kusa Kusihlwa)<br>*(Umqol'uphandle)*<br>(UMonwabisi) | 1–3 | 1 | |
| | | | | |
| B | Idrama<br><br>*(Ndiyekeni)*<br>*(Inzala YamaRhamba)* | 4–5 | 1 | |
| | | | | |
| C | Amabali amafutshane<br><br>('*Ikhikhizela laseDangwana'*)<br>(*'Umntu akalahlwa'*) | 6.1 + 6.2 | 1 | |
| | | | | |
| D | *Isihobe*<br><br>(*Idyunivesithi iFort Hare)*<br>(*Unjingalwazi P.T. Mtuze)* | 7.1 + 7.2 | 1 | |

**QAPHELA:** Qiniseka ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

## ICANDELO A: INOVELI

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi noveli zilandelayo:

- *Kusa Kusihlwa* nguKS Bongela
- *Umqol'uphandle* nguMAP Ngani
- *UMonwabisi* nguZA Japhta

Phendula YONKE imibuzo ekwinoveli oyifundileyo.

### UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 1.1 noMBUZO 1.2.

1.1 Funda ngocoselelo esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA A**

Kwakwezo ntsuku, uLungile utsibe eMgungundlovu ukuya kudlana iindlebe nomnakwabo ngomcimbi wevenkile.

“Siwuqulunqile lo mcimbi nenkosikazi ithuba elide. Naxa singakhange side sibe sivumelene ncam ngawo, mna ndibonile ukuba mandithethe nawe Thami, ukuba iseyiba nguwe oqhuba ishishini eliya phantsi kwale mpilo ndinayo,” utshilo uLungile entethweni yakhe.

“Kodwa ke Jwarha, uthi iya kulunga into yokuba sihlale nalaa nkosikazi yakuni uyazi nje mfondini ukuba ibukhali?”

“Akukho nto iza kubangela ukuba nibe nixoxa kungekho mfuneko. Owakho umsebenzi kukuba ujonge ivenkile yam, ube ndim. Ndiyambona nje yena etyhuthuzela ecinga ukuba ivenkile angayiphatha azenze mna. Akangekhe mpela. Icebiso endikunika lona mna lelokuba uze ukhe ungangxami ngokuza nentsapho yakho eMlazi. Endaweni yaloo nto yiyeke ihlale eMgungundlovu umane <u>uyityelela</u> lakuvela ithuba okanye uyithumele emva ekhaya eLusikisiki. Ukusuka apho ndingazama ukunifunela indlu kwalapha eMlazi.”

“Hayi ngathi kuyavakala bhuti, xa usitsho. Yonke leyo into masiyisebenze ngexesha layo xa kuthe kwakho imfuneko. Mfondini, andisathandi kuthetha Jwarha. **Abafazi banento eninzi yokuthetha**. Kungenzeka ukuba nakulo wakuthi kuvele into eninzi yokuthetha. Kungenzeka ukuba nakulo wakuthi kuvele into eninzi yokuthetha akuva ukuba ngoku baza kugoduswa ngenxa yokuba kusoyikwa uMaDlamini. Ke uthi lo msebenzi masiwuqale nini?”

1.1.1 Xela ukuba uzalana njani uLungile noThamsanqa. (1)

1.1.2 Kwakutheni ukuze uLungile amshiye uNomakhwezi xa esiya kuthetha noThamsanqa? (2)

1.1.3 Ngqina ukuchaneka kwegama, "ubukhali" xa kuchazwa isimo sikaNomakhwezi. (2)

1.1.4 Nika isithethantonye segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)

1.1.5 Xela isimo sentlalo ngokwexesha esivela kwesi sicatshulwa. (1)

1.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Inkcaza ebhalwe ngqindilili iqulethe ulwimi ...

A oluqweqwedisayo.
B oludlelelelayo.
C oluchukumisayo.
D oluqhathayo. (1)

1.1.7 Nguwuphi umqobo awutsibileyo uMpumelelo ebomini bakhe njengomlinganiswa oyintloko kule noveli? (2)

1.1.8 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Inqanaba lesakhiwo sebali ekuqhubeka kulo okukwisicatshulwa (lelengabula-zigcawu/ lelokuyondelelana kwezinto). Xhasa impendulo yakho. (3)

1.1.9 ULungile wathatha isigqibo esilungileyo ngokucela uThamsanqa ukuba amjongele ivenkile. Xhasa le mbono ucaphula ebalini. (2)

1.1.10 Chaza umxholo wale noveli. (2)

**KUNYE**

1.2 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B:**

UMpumelelo ubanjwe ngabanye oogqirha bedibene noThembisa, yena ebhovuza efuna laa tsotsi. Ngeli xesha **atyhuluba** phakathi kwabantu ephuma engena ngumsindo, ikhona imbinana emlaleleyo ukuba aphume ize kumcima igama. Kodwa ngethamsanqa baye abalingane bakhe bambamba bamthoboza bemcela ukuba makazole, angaphumi.

Lo mfana wenzakeleyo uye wabalekiselwa esibhedlele ekwimeko embi. Athe amapolisa efika babe ootsotsi sebengasavakali ndawo. Athe akuncina uLizzie nanjengomntu oxhitshulweyo kuba esaziwa, wakhanyela kwaloo nto yokuba uyabazi aba tsotsi. Iindaba zokuhlatywa komntu emdanisweni ziye zaza kufika nakuNozililo obeseluvalelweni. Uye wachulumanca kuba wayecinga ukuba nguMpumelelo, kodwa kuthe kwakufika unyana wakhe wamxelela ukuba ngubani na lo uhlatyiweyo wasitsho isikhalo kuba kufumaniseke ukuba ngumtshana wakhe owayekhulele kowabo waza kusebenza eThekwini. Amapolisa akakhange aphinde onwabe. Luye lwaqina uphando.

Ngemini elandelayo uThamsanqa udlene iindlebe nonyana wakhe mayela nemeko yalapha eThekwini kwisithuba samashishini akhe. Umchazele yonke into ebisenzeka ngeli xesha angekhoyo kude kuzokufika kwesi siganeko somdaniso. “Nyana, lukho unyawo lwemfene kule nto, ngahle liyelenqe eli kwaye ndiyabazi nabantu balo. Sendibulela nje ukuba wena ngokwakho wenze isigqibo sokuya kusebenza eLusikisiki kuba kucacile ukuba la mayelenqe ebezakude emke nobomi bakho. Mna akazi kundenza nto nyana; idolophu ndiyiqhelile.”

1.2.1 Xela ukuba yayilitheko lantoni eli kudaniswa kulo ngokwesi sicatshulwa. (2)

1.2.2 (a) Nika umfanekiso-ngqondweni oziswa ligama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

(b) Uphuhlisa ntoni lo mfanekiso-ngqondweni? (2)

1.2.3 Chaza isiganeko esikhokelele ekubeni abanjwe uNozililo. (2)

1.2.4 Bubaluleke ngantoni ubukho bukaLizzie kweli bali? (2)

1.2.5 Xela isizathu sokuba uNozililo achulumance xa esiva iindaba zomfana ohlatyiweyo? (2)

1.2.6 Nika umxholwana ovezwa sesi sicatshulwa. (2)

1.2.7 Xela udidi elulo le noveli. Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.8 Ngqina ukuba lo mlinganiswa unguMpumelelo limfanele igama athiywe lona kweli bali. (2)

**[35]**

## UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 2.1 noMBUZO 2.2.

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

### ISICATSHULWA C

Wafika sezilapho izixhiphothi ezibini zamapolisa. Ayebekwe kwangephezolo ukuba agcine kungabikho namnye ongenayo, kungabikho nophumayo. Uthe esihla emotweni, abe selemkhawulela, elindele eminye imiyalelo. "Ndifuna omnye wenu andikhaphe xa ndingenayo ngaphakathi." Lowo ke ibe ngokaHlobo umyalelo, ethetha engemanga, ingqondo seyingxamele phambili. "Omnye kuni uya kushiyeka phandle, anqande kungangeni mntu."

Ngephanyazo nje engene uHlobo, loo ndlu ibe ngumbhodamo. Impahla iphoswe nangapha, kuphendlwa nesibi esasilapho. Wayeba ngatshona ngapha abuye ze umcuphi wabantu.

Kwakucacile ukuba uEddie lo wayengumntu onomdla kwizinto ezininzi. Kwakuzele apho <u>yingqokelela</u> yezinto ngezinto ukusuka kwezakhayo de kuye **kwimfitshimfitshi yamabhinqa**. Kuloo mgubhululo, eyabayeyokugqibela kuHlobo yaba kukufunda nganye nganye kwisipha seencwadi ezazibhalelwe uEddie. Inkoliso yazo yayizezivela kuLinda. Uziphe ixesha umfo kaHlobo, enyamezele ukuva loo mfeketho yeendaba zomfazi obhala ethe thwanga lisoka lakhe. Wayephatha kudibana nemfitshimfitshi yobukhwele, ibe ngamasososo okungaphumeleli kwakhe edingeni labo no Eddie, ibe kukubhobhoza kwakhe ngempahla entsha, ibe kukuphindaphinda ebisenzeka ngomhla othile benoEddie – yonke loo nto ixelelwa umntu oyaziyo ebisenzeka.
Ukunyamezela kwakhe uHlobo kuvuzwe ngento ephathekayo. Kuthe sekunini, wagagana neyona ncwadi eyaba nomdla kuye. Leyo yayibhalwe ngezolo – isisijungqana kodwa ithwele lukhulu.

2.1.1 Xela ukuba wazana njani uHlobo nabantu athetha nabo kwisicatshulwa. (1)

2.1.2 Kwakutheni ukuze uHlobo ayalele ukuba ze kungangeni mntu kwaLinda? (2)

2.1.3 Ngqina ukuchaneka kwenkcaza, "wayenomdla kwizinto ezininzi" xa kuchazwa indlela awayeziphethe ngayo uEddie. (2)

2.1.4 Nika isithethantonye segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)

2.1.5 Xela isimo sentlalo ngokwexesha esivela kwesi sicatshulwa. (1)

2.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Inkcaza ebhalwe ngqindilili iqulethe ulwimi ...

A oluqweqwedisayo.
B oludlelelelayo.
C oluchukumisayo.
D oluqhathayo. (1)

2.1.7 Nguwuphi umqobo awutsibileyo uHlobo ebalini njengomlinganiswa oyintloko kule noveli? (2)

2.1.8 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Inqanaba lesakhiwo sebali ekuqhubeka kulo okukwisicatshulwa (lelengabula-zigcawu/ lelokuyondelelana kwezinto). Xhasa impendulo yakho. (3)

2.1.9 ULinda wathatha isigqibo esilungileyo ngokuqesha uDuma Hlelo endlwini yakhe. Xhasa le mbono ucaphula ebalini. (2)

2.1.10 Chaza umxholo wale noveli. (2)

**KUNYE**

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

"Kwenzeka ntoni apha?" kuthe dluphu elo lizwi lidokodoko, liphuma kwinto eyayimi **ixabile** phambi komnyango, amehlo engumlilo ngumsindo, ubuso buvuza ukubila, impahla ilinyithi ngamafutha emoto, ezo mbokodo zezandla zingcangcazela, esinye sazo sekunzima kuso nokubamba kakuhle isigqigqana sentsimbi eyayithiwe chu ngaso. <u>Yayingulaa mfana ungumqeshwa.</u>

Uthe phethuthu uHlobo, bajongana…Uphindile umfana: "Ndithi kwenzeka ntoni ntoni apha? Zizikhalo zantoni ezi ndiziva ndikude?" "Akwenzeki nto, mfo wam," uphendule ngelipholileyo okaHlobo, ungenakutsho ukuba uyaxoka. "Ndifuna umnxeba weendaba qha, ukuba ukho."

"Ufuna umnxeba? Uza kuwenza ntoni?" utsho engena umfana, kunjalonje esonda ngelo gumbi babekulo uHlobo noLinda. Uqonde mhlophe uHlobo ukuba lo mfana uthwele impazamo. Ugqibe ekubeni angabi samlungiselela, ihl'ehlayo ke.

"Ndiza kuwenza ntoni na? Yindawo yakho leyo? Akuyazi into oyiyo ekhay'apha?

"Yini le! Wena uyintoni ekhay'apha?" watsho ephambene ngumsindo umfana. "Ukuba akufuni nkathazo," watsho etyityimbisa umnwe uHlobo, "ndixelele apho ukhoyo umnxeba- qha ke!" Kanti umfana umthe tshe usisi wakhe ethe tywaa phezu komandlalo iinyembezi zingumthombo ukuhla ngezidlele. Yeka ke, waduduzela wonke umzimba, "Yintoni, sisi?" ubuzile.

2.2.1 Xela ukuba wayesenza ntoni umfana ongumqeshwa wakwaLinda ekufikeni kukaHlobo. (2)

2.2.2 (a) Nika umfanekiso-ngqondweni oziswa ligama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

(b) Uphuhlisa ntoni lo mfanekiso-ngqondweni? (2)

2.2.3 Chaza isiganeko esikhokelele ekubeni uHlobo andwendwele uLinda. (2)

2.2.4 Bubaluleke ngantoni ubukho bukaJoe Bumba kweli bali? (2)

2.2.5 Xela isizathu sokuba umfana ongumqeshwa wakwaLinda afune ukulwa noHlobo ngokwakwisicatshulwa. (2)

2.2.6 Nika umxholwana ovezwa sesi sicatshulwa. (2)

2.2.7 Xela udidi elulo le noveli. Xhasa impendulo yakho. (2)

2.2.8 Ngqina ukuba lo mlinganiswa unguLinda limfanele igama athiywe lona kweli bali. (2)

**[35]**

**UMBUZO 3: UMONWABISI – ZAMA A. JAPHTA**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 3.1 noMBUZO 3.2.

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA E**

Ububele bukaThandabantu babungaphelelanga kubathengi nabasebenzi kuphela. Nosapho lwakhe lwaluthiwe wambu yiloo ngubo yakhe yobubele ishushu. Noxa wayeyiloo mvuzemvuze bububele ngakusapho lwakhe uRhadebe, wayekwanaso wena isandla esingqongqo sengqeqesho. Umntwana owayefane athambe ngakuye yayinguMonwabisi lowo, singazi ke bethu nokuba yayiyimfobe nosizi ngakuye kuba ekhula engenamzali ungowakhe. Wayesoloko emkhusela kwabanye abantwana xa mhlawumbi bedlala ukuze ke bamdlalise kabuhlungu kuba emncinci kunabo. Bona ke abo bantwana bakhe babesoloko benesikhalazo sokuba yena uMonwabisi uthandwa ngokugqitha bona nguyise lowo wabo, kuba besithi akafane abethwe okanye angxoliswe nguye yena. UThandabantu akazange ayinanze nganto le nto yezi zikhalazo kuba esithi ziinkcuku nje zosapho olusakhulayo, loo nto iyakuphinde idlule xa bekhulile bayibone ukuba ayinjalo loo nto. Kuba eneneni yena wayengamthandi ukubodlula abo bakhe uMonwabisi, koko nje yayilusizi lobuzali ebona yena **inkedanyana engenabani**, ngoko ke engafuni ukuba izibone ihlelelekile phakathi kwabo bakhe. Kungoko ke wayengazinanzi into yezikhalazo zabo bantwana bakhe.
Oyena mntu yamkhubekisayo le nto yokukhalaza kwaba bantwana yaba ngunina wabo, uMamTolo. Yamhlupha kakhulu into yokubona abantwana bakhe betyelelelwa nguMonwabisi waza wazimisela ukuba uza kwenza konke okusemandleni akhe ukuba asivale eso sikhewu.

3.1.1 Xela ukuba uMonwabisi wayezalana njani noThandabantu. (1)

3.1.2 Kwakutheni ukuze uRhadebe abizwe ngokuba nguThandabantu? (2)

3.1.3 Ngqina ukuchaneka kwegama, "ziinkcuku" xa kuchazwa intlalo kaMonwabisi nabantwana bakaMamTolo. (2)

3.1.4 Nika isithethantonye sebinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)

3.1.5 Xela isimo sentlalo ngokwexesha esivela kwesi sicatshulwa. (1)

3.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Inkcaza ebhalwe ngqindilili iqulethe ulwimi ...

A oluqweqwedisayo.
B oluchukumisayo.
C oludlelelelayo.
D oluqhathayo. (1)

3.1.7 Nguwuphi umqobo awutsibileyo uThandabantu njengomlinganiswa oyintloko kule noveli? (2)

3.1.8 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Inqanaba lesakhiwo sebali ekuqhubeka kulo okukwisicatshulwa (lelengabula-zigcawu/ lelokuyondelelana kwezinto). Xhasa impendulo yakho. (3)

3.1.9 UThandabantu wathatha isigqibo esilungileyo ngokuqesha uZangone abeligqwetha lakhe. Xhasa le mbono ucaphula ebalini. (2)

3.1.10 Chaza umxholo wale noveli. (2)

**KUNYE**

3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA F**

Kwathi ngenye intsasa uMonwabisi esandula ukuvuka esahambahamba apho ngasemva evenkileni wathana gaga **nofafa** lomfo oligwangqa efathula kubufukufuku bengca obabusemazantsi egadi leyo. Othukile, wathi esajikajikana nolwimi efuna esona sisNgesi sifanelekileyo ukuze athethe nalo mlungu, suka wamva yena umlungu ngokuzithemba okukhulu ngesiXhosa, “Molo mfondini, kukwakho apha?” Watsho umlungu emnika isandla. Wawumothusile loo mbuzo uMonwabisi ngakumbi xa aqondayo, tyhini ngenene kwakukwakhe apho. Babulisana bexhawulana ngokwabantu abantsundu. Wadlula umlungu kwelinye icala lomzi wafika apho waxhwitha ingca waze wakhangela nto. Waphakama apho ephethe into athe akuyijonga uMonwabisi yafana nesiciko setanki. Wathetha umlungu; “Tyhini! Lisekhona kanti eli tanki? Anizange nilisuse?”
Wakhumbula iimini zobuntwana besathanda ukudlala noGcinumzi uMonwabisi. Babebaleka beleqana apho kweso sithabazi seyadi. Babekhe bakhubeke kabuhlungu kwizinto bona babecinga ukuba ziintsimbi zeemoto ezindala. Babekhe bazame ukuziqwabulula ezo ntsimbi suka zibohlule, nabo ke ngobuntwana ukhawuleze uphele umdla wabo kuzo. Wakhumbula ukuba kwakukuyo loo ndawo wayemi kuyo lo mlungu. Wadlula yena umlungu waya kwenye indawo apho waphinda wavukuza wavumbulula esinye isiciko.

3.2.1 Xela ukuba wayeshiyekele ntoni uMonwabisi evenkileni kaThandabantu ukufika kwalo mlungu athetha naye kwisicatshulwa. (2)

3.2.2 (a) Nika umfanekiso-ngqondweni oziswa ligama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

(b) Uphuhlisa ntoni lo mfanekiso-ngqondweni? (2)

3.2.3 Chaza isiganeko esikhokelele ekubeni uThandabantu aphelelwe ngumdla ebantwini. (2)

3.2.4 Bubaluleke ngantoni ubukho bukaMonwabisi kweli bali? (2)

3.2.5 Xela isizathu sokuba umfana womlungu akuvuyele ukufumana amatanki kule venkile kaThandabantu. (2)

3.2.6 Nika umxholwana ovezwa sesi sicatshulwa. (2)

3.2.7 Xela udidi elulo le noveli. Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2.8 Ngqina ukuba lo mlinganiswa unguMonwabisi limfanele igama athiywe lona kweli bali. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi drama zilandelayo:

- *Ndiyekeni* ngu DM Jongilanga
- *Inzala YamaRhamba* nguM Mlokoti

Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.

Phendula YONKE imibuzo ekwidrama oyifundileyo.

### UMBUZO 4: NDIYEKENI – DM Jongilanga

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 4.1 noMBUZO 4.2.

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA G**

| | |
|---|---|
| MADALA: | Ingaba intsusa-mabandla yintoni? |
| NDILA : | Into ibitheni na bawo, iluchuku nje lwabashumayeli. |
| MADALA: | UMawonga lo ucinga okokuba esi sikolo sesakwaLoni. Kanti uqeshwe njengani nonke. |
| NDILA: | Ukuqeshwa yeny'into bawo, ukhonya okweBhulu efameni yalo. |
| MADALA: | Ngaba sesisanyankomo, ecinga ukuba isikolo esi ngamagqub'akhe. |
| NONCI: | Kanti makazi ukuba uDicksie lo naye uzalwa ngabantu njengaye, akaphumi sidulini. |
| MADALA: | Masango, khawuthule uza kuwona lo mcimbi. |
| NONCI: | Hi bantu benkosi! Ndathi ndivelana nomntwana kaMamCirha, kanti <u>nditheza olunenkume</u>. |
| MADALA: | Nisuke niquphe ukuthetha oku, **nixhaph'amagwebu ningekayibambi nenyongo yento ekuthethwa yona ngobufazi obu benu**- he! Mfanandini uza uphethe mcimbi mni kweli khaya? Usithi mandombele yiphi ingoma? |

NDILA: Tshangisa! Skhomo! Kudala undinyula ezinyuleni, namhlanje ndigxampuza kokaThisayo umgxobhozo.

MADALA: Ngako oko inqanawa iya kufuna embombo imiqokozo.

NDILA: Kunjalo kanye Tshangisa. UMawonga undityhola ngokunxila esikolweni into ke leyo endingazange ndiyenze ndinxila nje. Ukuba ndiyanxila ndizinxilela phaya ezingqaqeni kambe ke selendithembise ngomnyango.

MADALA : Uyititshala yokuqala ukwenza loo nto?

NDILA: Ndazi phi na Tshangisa ngokuba isuthu ngathi liphume nam nje.

MADALA: Hlala ndikuxelela ukuba uMawonga akunakumbeka entanyeni okwedyokhwe.

NDILA : Eyona nto undibona ukungakwazi ukufundisa esisigqogqo oku kwakhe kuyo yonke le ngingqi.

MADALA: Masidlule apho mfo wam. Ingaba yintoni ekuthuthe yaza kukubek'apha?

4.1.1 Xela ukuba uzalana njani uNonci noMadala. (1)

4.1.2 Kwakutheni ukuze uNdila andwendwele kwaMadala? (2)

4.1.3 Ngqina ukuchaneka kwenkcaza, “ukhonya okweBhulu efameni yalo.” Xa kuchazwa uMawonga. (2)

4.1.4 Nika isithethantonye sesaci esikrwelelwe umgca ngaphantsi kule ngxoxo. (2)

4.1.5 Xela isimo sentlalo ngokwexesha esivela kule ngxoxo. (1)

4.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Inkcaza ebhalwe ngqindilili iqulethe ulwimi ...

A oluqweqwedisayo.
B oludlelelelayo.
C oluchukumisayo.
D oluqhathayo. (1)

4.1.7 Nguwuphi umqobo athe woyiswa kukuwutsiba uMawonga njengomlinganiswa oyintloko kule noveli? (2)

4.1.8 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Inqanaba lesakhiwo sebali ekuqhubeka kulo okukwingxoxo (lelengabula-zigcawu/ lelokuyondelelana kwezinto). Xhasa impendulo yakho. (3)

4.1.9 UMaziko wathatha isigqibo esilungileyo ngokuxela uNdila kuMawonga. Xhasa le mbono ucaphula ebalini. (2)

4.1.10 Chaza umxholo wale drama. (2)

**KUNYE**

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

FUNEKA: Mfo kabawo ezilumkileyo zitya zibeka ukuze zithi akwaphusa uxam, **zitshone emngxunyeni**, zixel'iimbovane.

ZANELE: Hayi mntakabawo iliwa libhek'umoya.

FUNEKA: Ngubani othathe indawo kaMawonga?

ZANELE: Lichelezi apha uMaziko.

FUNEKA: Yeka umntwana womntu wethu. Kukh'ukuthini wethu? Kubethw'iintonga kulo mhlaba asazi phesheya kwengcwaba.

ZANELE: Umgibe obambisa ngawo unqakulwa kwanguwo uthiywe bantu bambi. Makalumke noMaziko.

FUNEKA: Umthiyi usoloko elibaze kanobom iliso lakhe ekuphambeni imigibe. Ezidluleyo zidlule, zishiywa apho kubethelwe mgama.

ZANELE: Lilonke uthi efileyo ayanyiwa mathole yebhonxileyo ephilisayo.

FUNEKA: Uliva kakuhle.

ZANELE: Kodwa ndingathini ukumenza loo nto uMawonga?

FUNEKA: Akuyazi into owawuzokuyenza apha eMonti?

ZANELE: Ndiyazi nqo mtshan'am.

FUNEKA: Ukuba uyiloo mbo yondla amadoda akuzikulunga. Amadoda adalelwe ukondla.

ZANELE: Hayi ntombi musa ukude wolule, ndinqena nje ukulahla imbo yam ngophoyiyana.

FUNEKA: Kulunge kanye uphoyiyana xa imbo inyanyeka; ngaphezulu ndikholwa apha kule ndlu ziintaka ezibekayo.
(*Nkqo! Nkqonkqo!)*

FUNEKA: Nguye lowo, kokwesihlanu kule veki simondla engatsitsi nto. Zimela phaya ewodrophini umyekele kum. (*Azimele angene uMawonga.)*

FUNEKA: Ngena.

| | |
|---|---|
| MAWONGA: | Hallow mtshana. |
| FUNEKA: | Mh! |
| MAWONGA: | Kutheni na namhlanje? Waphusile uxam? |
| FUNEKA: | Kaloku kuhlwa kusisa, iyileyo imini inezayo. Ndingakwenzela ntoni? |
| MAWONGA: | Uphi uZan? |
| FUNEKA: | Oko ebeye edolophini akakabuyi. |
| MAWONGA: | Awu! Ziziphi ezi venkile zivula de kubethe intsimbi yesine ngoMgqibelo? |

4.2.1 Xela ukuba yintoni le yonwabise uFuneka ngokwale ngxoxo. (2)

4.2.2 (a) Nika umfanekiso-ngqondweni oziswa ligama elibhalwe ngqindilili kule ngxoxo. (1)

(b) Uphuhlisa ntoni lo mfanekiso-ngqondweni? (2)

4.2.3 Chaza isiganeko esikhokelele ekubeni uFuneka angafuni nokumbona uMawonga endlwini yakhe. (2)

4.2.4 Bubaluleke ngantoni ubukho buka Jerry kweli bali? (2)

4.2.5 Xela isizathu sokuba inkosikazi kaMawonga yoyiswe kukwahlukanisa uMawonga noZanele. (2)

4.2.6 Nika umxholwana ovezwa yile ngxoxo. (2)

4.2.7 Xela udidi elulo le drama. Xhasa impendulo yakho. (2)

4.2.8 Ngqina ukuba lo mlinganiswa unguMaziko limfanele igama athiywe lona kweli bali. (2)

**[35]**

**UMBUZO 5: INZALA YAMARHAMBA – M Mlokoti**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 5.1 noMBUZO 5.2.

5.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA I**

| | |
|---|---|
| NCAPHAYI: | Ndiyabulela Tshezi, ndiyabulela mkam. Nantsi into, ndiyazi kona ukuba sithi isintu indoda ayikhali nokuba seyingxange ezingxangxasini, kodwa mkam kunyembelekile. |
| MATSHEZI: | Ndiphulaphule tata. |
| NCAPHAYI: | Ewe kona ngokwempilo ndixikixekile nkosikazi, namandla andisenawo ngoku, nogqirha ukungqinile oko izolo xa besiphaya. Uyakhumbula phofu? |
| MATSHEZI: | Ewe tata ndiyakhumbula, yaye khange ndithande, kodwa ndifane ndaziqinisa ngelithi nguThixo owaziyo. |
| NCAPHAYI: | Heke. Kodwa andikhathazwa yimpilo nakukuguga nje kodwa mfazi. Eyona nto ingamandla yimeko yaba bantwana ndiza kukushiya nabo xa ndinokuthi ndibhubhe. |
| MATSHEZI: | Ubona nje nam iyandixhalabisa imeko yaba bantwana Tolo, ngakumbi uDina-hayi akandonwabisi konke konke. |
| NCAPHAYI: | Heke, - Ndilapho kanye. Lo mntwana andiyifumani ingqondo yakhe kwaphela. Ukhe umve khona wena encokola nodadewabo nabantakwabo? |
| MATSHEZI: | Hayi tata, uyinto esoloko izivalele egumbini lokulala, suka amke ngorhatya abuye ezinzulwini zobusuku. |
| NCAPHAYI: | Nantso ke. Ikho le nto imtyayo lo mntwana, kunjalo inkulu. Uyaqonda phofu ukuba uBantubomzi noNtomboxolo ngabona baselula yaye bamele ukujonga kuye njengomzekelo? Kodwa hayi akanguwo umzekelo konke-konke. |
| MATSHEZI: | Hayi kona kunjalo tata, ibe eyona nto indixhalabisa nangakumbi yile yokuba umkhuluwa lo wabo uZanoxolo uyakhwela kulo nyaka uzayo, uya emLungwini. |

5.1.1 Xela ukuba uzalana njani Ncaphayi noMaTshezi. (1)

5.1.2 Kwakutheni ukuze uDina aqalise ukubenzela ixhala abazali bakhe? (2)

5.1.3 Ngqina ukuchaneka kwenkcaza, “andiyifumani ingqondo yakhe” xa kuchazwa isimo sikaDina. (2)

5.1.4 Nika isithethantonye segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)

5.1.5 Xela isimo sentlalo ngokwexesha esivela kwesi sicatshulwa. (1)

5.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Inkcaza ethi indoda ayilili evela kwesi sicatshulwa iqulethe ingcinga ...

A ecalanye.
B ebethelelekileyo.
C egwebayo.
D edlelelayo. (1)

5.1.7 Nguwuphi umqobo awutsibileyo umlinganiswa onguDina kule drama? (2)

5.1.8 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Inqanaba lesakhiwo sebali ekuqhubeka kulo okukwingxoxo (lelengabula-zigcawu/ lelokuyondelelana kwezinto). Xhasa impendulo yakho. (3)

5.1.9 UDina wathatha isigqibo esilungileyo ngokucela uSajini Gxalaba ukuba amncede. Xhasa le mbono ucaphula ebalini. (2)

5.1.10 Chaza umxholo wale drama. (2)

**KUNYE**

5.2 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| NYOKA: | (*Esothuka)* Nithi kutheni? |
| NOYONGO: | Kunjalo Mlungu. |
| NYOKA: | Yinto eyenzeke njani leyo? |
| NOYONGO: | Kuthiwa ucholwe ngamapolisa emva kwentsimbi yethoba phezolo Mlungu. Ucholwe **equngqquluze** phambi kwendlu leya ebehlala kuyo noNozici. |
| NYOKA: | Kuthiwa wenzakele njani? |
| NOMHASE: | Naye kuthiwa linxeba linye Mlungu, emqolo. Lingene ngemva ezimbanjeni latyhubela laya kuhlaba intliziyo. Kubonakala ukuba bekuxa avula umnyango, kuba kuthiwa ufunyenwe efumbethe isitshixo esandleni. |
| NYOKA: | Akukho nto ithathiweyo kuye? |
| NOYONGO: | Hayi Mlungu, nesipaji sakhe sifunyenwe sisekuye. |
| NYOKA: | (*Uthule ithutyana ecinga ejonge phantsi, suka wagqabhuka ngumsindo)* -Niyayibona le nto ndiyithethayo, ndisithi kuni bambani laa mntwana unxibe impahla emnyama. Niyaphela ngoku. Kule veki iphelileyo ibinguNozici, ngoku nguNozigoci. Ngubani owaziyo ukuba kule izayo izakuba ngubani? Mhlawumbi nguwe Nomhase, Noyongo okanye ndim. Kwazi bani? |
| NOYONGO: | Kodwa makhe sithethele phantsi Mlungu. Nawe usuka usihwahwe ngamanye amaxesha singakwazi nokucinga. Yini Mlungu wam kunini sasebenza nawe sithembekile. Ewe yona into yokugetyengwa kukaNozici noNozigoci ngolu hlobo ayehli kamnandi nakuthi. Kodwa wena usuke uthi sisazama ukusebenzisana nawe usihwahwe ngolu hlobo. Usebenzise amazwi abukhali nahlabayo, usaphule iintliziyo. |
| NOMHASE: | Ewe kunjalo Mlungu. Unyanisile uNoyongo. Akuzange kube nje apha kweli khaya. Iminyaka sasebenza apha, akuzange kube nje. Nathi asithandi Mlungu. |

5.2.1 Xela ukuba yintoni ekhathaze uThambolenyoka ngokwale ngxoxo. (2)

5.2.2 (a) Nika umfanekiso-ngqondweni oziswa ligama elibhalwe ngqindilili kule ngxoxo. (1)

(b) Uphuhlisa ntoni lo mfanekiso-ngqondweni? (2)

5.2.3 Chaza isiganeko esikhokelele ekubeni uThambolenyoka abenexhala. (2)

5.2.4 Bubaluleke ngantoni ubukho bukaNoyongo kweli bali? (2)

5.2.5 Xela isizathu sokuba uNoyongo noNomhase bamkhalazele uThambolenyoka kule ngxoxo. (2)

5.2.6 Nika umxholwana ovezwa yile ngxoxo. (2)

5.2.7 Xela udidi elulo le drama. Xhasa impendulo yakho. (2)

5.2.8 Ngqina ukuba lo mlinganiswa unguThambolenyoka limfanele igama athiywe lona kweli bali. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Kweli Candelo, kukho imibuzo esetwe kula mabali mafutshane alandelayo:

- 'Ikhikhizela laseDangwana' nguLL Ngewu
- **'**Umntu akalahlwa' – LL Ngewu

Phendula YONKE imibuzo ekwibali elifutshane olifundileyo.

## UMBUZO 6: NDAKUYICELA IVUTHIWE – LL Ngewu & EZ Guqa

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kula mabali mafutshane uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 6.1 noMBUZO 6.2.

### '**IKHIKHIZELA LASEDANGWANA' – LL Ngewu**

6.1 **Funda** esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA K**

Akukho nto ibimhlupha uMaNkosohlanga ngaphezu kwale yokuba babengavuzwanga ngamntwana wumbi ngaphandle kwale nkewu eyaphel'emehlweni. Eli lolo lomfazi belihlala kwelo bhotwe lilinde umntu oya kuze athi, nkqo ezokulixelela ukuba unyana walo wangcwatywa phi na. Xa unyana wakhe engafiki buqu, ingathi ubenokuxola akuxelelwa ukuba ingcwaba lakhe liphi, abek'ilitye azixolise.

Emva kweminyaka elishumi elinesixhenxe uFanabekho walahlekayo ugalelekile eDangwana kowabo. Hayi ke uvuyo olwaba lapho umfazi ebon'unyana wakhe owayesele embalela kwabafileyo. Ufike urheme iinwele zihlab'umkhosi, izihlangu kucaca ukuba sel'ebiza nje imali yazo kuzo ukuba wayezihlawulele ngokwakhe, ibhulukhwe bekungekho themba lokuba isawunonophele kakuhle umsebenzi eyothulelwa wona kwixhayi eyayixhonywe kulo; okuyihempe kona besekuxhathise nje amaqhosha aqobisa ngokuqhosha nanto ingaqhoshisiyo. **Ibhatyi yona kuyacaca ukuba yayishiya ivenkile iyidyasi ethe emva kweminyaka baye busitha ngokutha ubudyasi bayo**. Eneneni abantwana abagezayo bamaGalane bebenokuyijonga le dyasi bathi, "Yidyatyi le!"

Kuvakele kwangevumba ukuba inkosi le ingenile endlwini. Eneneni ibingasililo vumba linokuthelekiswa nelesivumbampunzi kumntu oqhele amavumba. Ibilivumba nje, kungenjalo ilivunjana nje, elidiza ukuchasela komninilo emlanjeni. Ubuso bomfo baburhaphilili ziindevu ebezilikhusi lokwenene lokufihla ubumi bomninizo.

6.1.1 Xela ukuba uzalana njani uFanabekho noMaNkosohlanga. (1)

6.1.2 Kwakutheni ukuze uFanabekho alifulathele ikhaya? (2)

6.1.3 Ngqina ukuchaneka kwegama, “ilolo” xa kuchazwa umama kaFanabekho. (2)

6.1.4 Nika isithethantonye segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)

6.1.5 Xela isimo sentlalo ngokwexesha esivela kwesi sicatshulwa. (1)

6.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Inkcaza ebhalwe ngqindilili iqulethe ulwimi ...

A oluqweqwedisayo.
B olurheshayo.
C oluchukumisayo.
D oluqhathayo. (1)

6.1.7 Nguwuphi umqobo awutsibileyo umlinganiswa onguFanabekho kweli bali? (2)

6.1.8 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.

Inqanaba lesakhiwo sebali ekuqhubeka kulo okukwisicatshulwa (lelengabula-zigcawu/ lelokuyondelelana kwezinto). Xhasa impendulo yakho. (3)

6.1.9 UFanabekho wathatha isigqibo esilungileyo ngokubuyela ekhaya. Xhasa le mbono ucaphula ebalini. (2)

6.1.10 Chaza umxholo weli bali. (2)

**KUNYE**

**'UMNTU AKALAHLWA' – LL Ngewu**

6.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA L**

UmaMthi ukhe wathalalisa wazirhonisa ecinga ukuba indoda yakhe iza kuluyeka olu chuku ebekubonakala ukuba izimisele ukuluqhwaya. "*MaMthi, MaMthi, undivile kodwa ukuba ndithe ndibizele aba bafazana?"*

Uthe **phulukutshu** ezingubeni uMaMthi eqonda kakuhle ukuba kumyeni wakhe isithathu ngumnqakathi. Ufike iintombi zakhe zingekalali zincokola kamnandi. Nakuba isibane besiloziloziza nje ezi ntombi zimbone ngentsobi yobuso ukuba akatyhilekanga laye nelizwi lintama ukungakhululeki komninilo. UMaMthi uwugqithisile umyalezo wendoda yakhe. Bakhe babuza aba bantwana apha kunina ukuba ingaba babizelwa ntoni nguyise, koko omnye wanqaba nempendulo, kungasikuko ukuba unqaba nje nayo koko ngenxa yokungazi ngenene. Ubashiyile besagushugushuza kucaca ukuba abangxamanga kakhulu ukusabela esi simemo.

Banele nje ukungena kwigumbi lokulala labazali babo, wahlala qwa uMathidala kumondlalo wakhe.

"Mna andisifuni isithembu kulo mzi kabawo kuba isithembu sasithiywe ngubawo ngokwakhe," uzixelele uMathidala iintombi zakhe ezimbini.

"Asikuva tata", ukhalaze ngelitshoyo uNobeSuthu.

"Nindiva kakuhle, into kunayo niyazenzisa. Ndithi ke ngesiXhosa esivakalayo umfazi wam mnye nguMaMthi lo. Andifuni mfazi wumbi kulo mzi kabawo uMsuthu. "

6.2.1 Xela ukuba yintoni le ikhathaze uMathidala ngokwesi sicatshulwa. (2)

6.2.2 (a) Nika umfanekiso-ngqondweni oziswa ligama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

(b) Uphuhlisa ntoni lo mfanekiso-ngqondweni? (2)

6.2.3 Chaza isiganeko esikhokelele ekubeni uThandile ahlale noNobeSuthu eMpheko. (2)

6.2.4 Bubaluleke ngantoni ubukho bukaTyhobeka kweli bali? (2)

6.2.5 Xela isizathu sokuba uMaMthi angayinqandi indoda yakhe xa iqweqwedisa iintombi zakhe. (2)

6.2.6 Nika umxholwana ovezwa sesi sicatshulwa. (2)

6.2.7 Xela udidi elilulo eli bali. Xhasa impendulo yakho. (2)

6.2.8 Ngqina ukuba lo mlinganiswa unguThandile limfanele igama athiywe lona kweli bali. (2)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE

Kweli Candelo, kukho imibuzo esetwe kule mihobe ilandelayo:

- **'Idyunivesithi iFort Hare' nguS. Maputi**
- **'Unjingalwazi P.T Mtuze' ngu Z. Mtumane**

Phendula YONKE imibuzo ekwimibongo oyifundileyo.

### UMBUZO 7: IVAMNA BAFAZI BOLUSU – S Maputi nabanye

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo kule mihobe uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 7.1 noMBUZO 7.2

7.1 Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

**IDYUNIVESITHI IFORT HARE: S. Maputi**

Ntsika yeDike, mvaba yolwazi,
Ubombo lujong'ezantsi.
Awugungqiswa qhwithelo, njengasikhondo.
Kuloo mathafa uvelele uXesi;
Kuwe baty'udaka, baphefumla isiNgesi.
Ntsikandini yeDike.

Maxa onke **ubhonxile;**
Ulibo luyamfimfithekisa, luyafunxa;
Luphambukela kuwe lukhwaza
Umsindo ozayo nentsokolo.
Ntsikandini yeDike.

Imibele yakho iyahluhluza;
Umgqeku uyancela, uyalenca.
Isimbonono sesendlala nokungazi,
Umi, uyafundisa uthibaza impalalo.

Iinkokheli zeAfrika zirhabule kuwe;
Nabaphambuki imbala bafunda lutho;
Injongo ikukufohlela nokuzixhobisa;
Eneneni awaphoxisa wafundisa.
Ntsikandini yeDike.

Wena akunantanga,
Amagwangqa ayangcangcazela wakukhankanywa;
Ayakwazi, ngokuzibalula, hayi ngakumenywa;
Akh'azama ukunyemba akha phantsi.
Abahlonitshwa baphuma apho kaloku,
Oomakhwenkhwetha nooNantsi,

Nditsho noDalibhunga igaqa.
Izititsi uyatyhila, ususa nomdintsi.
Fort Hare, kuthethiwe kugqityiwe,
Nemisebenzi yakho ingqiniwe.
Indima yakho iyabonakala,
Exesheni likaqulukubhode.

7.1.1 Tolika okuthethwa ngumqolo woku-1 walo mbongo. (2)

7.1.2 Caphula kwisitanza soku-1 umqolo osixelela ngendlela elimi ngayo isango ekungenwa ngalo eFort Hare. (2)

7.1.3 Ivakalelwa njani imbongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.1.4 (a) Nika umfanekiso-ngqondweni oziswa ligama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-7 kulo mbongo. (1)

(b) Uphuhlisa ntoni lo mfanekiso-ngqondweni? (2)

7.1.5 Khankanya zibeMBINI izinto ezikhwazwa lulibo ngokwesitanza sesi-2 salo mbongo. (2)

7.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Uhlobo lophinda-phindo olukwimiqolo ekrwelelwe umgca ngaphantsi ...

A Luxwesiso.
B Yimpinda.
C Yirayimu.
D Luchasaniso. (1)

7.1.7 Ngqina ukuba kule dyunivesithi kufunde nabemi bamazwe angaphandle koMzantsi Afrika. (2)

7.1.8 Xela inkokeli yesikhahlelo esinguDalibhunga kumqolo wama-27 walo mbongo. (2)

7.1.9 Chaza umxholo walo mbongo. (2)

**KUNYE**

7.2 Funda esi sibongo silandelayo uze uphendule imibuzo.

**UNJINGALWAZI P.T. MTUZE – Z. Mtumane**

Aa! Njinga yolwazi!
Aa! Mathwal'izidanga ngentloko!
Wena **Mabelek'izidang'emqolo**!
Kuzo zonke utshila ngesiXhosa.
Ukuze bungaphel'ubuXhosa.

Kumaziko emfundo uyaziwa,
Waziwa ngokufunda nokuxelenga.
KwaSesile ukhe wabonwa;
Uphethe isidanga sokuqala,
Uhlanganise noguqulo-ntetho.
E-UNISA bayakwazi.
Apho ubufunda ngekhandlela,
Ukuze nje ube ne*Honours* ne*Masters*
NaseKapa ukhe wavela,
Ukuze nje bakubize ngobuGqirhalwazi,
Siyakukhahlela ke Gqira wolwazi
Ubazi bonke ubugoci-goci besiXhosa.

Wena Mguquli weelwimi ezimbini;
Uguqulel'isiNges'esiXhoseni,
Ubuy'ubuyisel'isiXhos'esiNgesini;
Ukuz'amaXhos'aqondane namaNgesi,
NamaNges'angalahlekwa sisiXhosa.

7.2.1 Xela uphawu olubonisa ukuba lo ngumbongo osisibongo. (2)

7.2.2 Nika umfanekiso-ntelekelelo oziswa ligama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-3 wesi sibongo. (2)

7.2.3 Khankanya zibeNTATHU iidyunivesithi afunde kuzo uNjingalwazi Mtuze ngokwesitanza sesi-2 sesi sibongo. (3)

7.2.4 Caphula umqolo osixelela ukuba uNjingalwazi Mtuze ukhe wafunda ehlala emzini wakhe. (2)

7.2.5 Libhekisa kubani igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sibongo? (1)

7.2.6 Chaza isakhiwo sangaphandle sesi sibongo. (2)

7.2.7 Nika umongo wesitanza sesi-3 sesi sibongo. (2)

7.2.8 Sidlulisa myalezo mni esi sibongo? (2)

7.2.9 Ngubani umbhali wesi sibongo? (1)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**